

PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY

IMAGAZINI YAKWAPGP YOPHUHLISO LWABAVELISI



Ukuhlakula sisitshixo sokufumana isivuno esihle

UKUZE UFUMANE ISIVUNO ESIHLE, KUYADINGEKA UKUHLAKULA. UMHLABA UHLAKULELWA UKWENZA INDAWO YOKUGCINA UKUFUMA, XA KUNJALO KUNGANGANDEKA UKHULA, IZONAKALISIZITYALO NEZIFO, KUNGAHLANGANISELEKA IIINTALELA ZEZITYALO NEEKHEMIKHALI, UKUZE KUBEKHOU MANDLALO WEZITHOLE EZIHLUMAYO KUNYE NOKUKHULA.

Ngamanye amaxesha umhlabu uhlakulelwa ukulawula ukukhukuliseka kwavo ngumoya nangamanzi nokukhuthaza ukugqobhozela kwamanzi emhlabeni. Kaninzi izikhondo ezizijungqu ezingaphezulu emhlabeni ngabahlobo bakho, njengoko zinokunceda umlimi ngokuthoba iindleko zakhe zokuvvelisa imveliso.

Ukuvelisa izityalo okunozinzo kwikamva kucace gca. Kufuneka kuthintelwe ukwetha komgangatho womhlaba, kwaye kufanele kwensiwe ngako konke okusemandleni ukuwuphucula. Umgangatho womhlaba (impilo yomhlaba) uthetha ukudityaniswa kwesakhono somhlaba kwinqanaba leziqalelo zawo, ulwakhiwo lwavo kunye nokuphila kwavo ngokwendalo ukuze ugcine ukukhula kwezityalo kwinqanaba eliphezulu. Ngaxeshanye, ukhukuliseko maluthintelwe. Ezi njongo zingaphunyeza kuphela ngokupheleleyo ngolimo olulandela umgaqo wolondolozo.

IMIGAQO YOKUHLAKULA

Nangona abalimi abaninzi bengawulandeli umgaqo wolondolozo kangange 100% ngenxa yeenkqubo zabo zokufama, kusadingeka ukuhlakula. Ukuze kuphunyeze injongo enye okanye ngaphezu koko kwezikhankanyiweyo, kusetyenziswa ikhuba lokucombulula umhlabu kanye nelikrazulayo kwimigaqo yokuhakula ngolondolozo.

Lintsalela zomhlaba nezezityalo zidityaniswa kumaleko wekhuba ngensezzo sokuhakula. Umphezulu womhlaba ukholisa ukushiyeka nentsalela encinane, ukuba ikhona. Izento zokuphethula umhlabu okungekho nzulu zikhola ukudingeka kamva kwixesha lokulima, ngokusebenzisa izixhobo ezinamazinyo okanye ezikrazulayo ukuze uphumeze injongo enye nokuba zingaphezu koko ezikhankanyiweyo.

Izinto ezinganecedo ngemigaqo yokuhakula kwesiqhelo

Ngenxa yokuphazamiseka komhlaba, umgangatho wawo uyetha, njengoko kubonakaliswa kukwehla kwesiqulatho esinesiqalelo i-carbon. Ukwakheka komhlaba kuphinda kutshabalale okanye wehle umgangatho wawo, kwanda ubuntununtunu kuhkuliseko. Kwiziganeko ezinini, ukubaleka kwamanzi nokukuliseko olulandelayo kuyomelezwa kuhakula umhlabu, ngakumbi kwinkqubo yomgaqo wesiqhelo.

Ukuhlakula sisitshixo...



1

Uyafa umbona ngaphezulu, kodwa ukufuma kakhona ngaphantsi komaleko ogangathekileyo. Sisenzo sokukrazula nzulu kuhela esikuwuqhekeza ngokuncomekayo umaleko ogangathwe likhula.

Kwiindidi ezininzi zokuvakala komhlabo esandleni, ukuhlakula ngokomgaqo wesiqhelo kukholisa ukukhokelela ekugangathekeni okanye ukudaleka komaleko wekhuba emhlabeni ongaphantsi, nosuka uthintele ukukhula kweengcambu. Umhlabo olukhuni wekhuba ngumaleko ogangathekileyo ngezantsi kobunzulu bokuhlakula. Umhlabo olukhuni wekhuba ongaphantsi uthintela ukukhula kweengcambu kwaye unesiphumo esibi kwisivuno. Ubunzulu bokuhlakula, ngoko ke, bufanele ukwahluka ngokweminyaka, kodwa ekuggibeleni umaleko ogangathekileyo uyenzeka. Kwiminyaka yembalela isityalo singafa, kodwa kubekhulu ukufuma ngezantsi komaleko ogangathekileyo (**Ifoto 1**).

Imihlaba ethande ukuba nesanti nemanzi noko ikhola ukuhawuleza igangatheke xa kusetyenziswa izenzo zokuhlakula ngekhuba nangesixhobo sokukrazula kunakwimihlaba ethande ukoma nesabudongwe. Kwiimeko ezzinjalo, kufuneka imigaqo yokuhlakula nzulu, kuze oko kukhokelele ekuqhubezi kokwetha komgangatho womhlabo.

Imihlaba yodongwe efinyezekayo nekhukhumalayo kwiimeko zokoma nezamanzi amaninzi ikunqanda ngokwendalo ukugangatheka. Ukwetha kwemihlaba, okubangelwa lukhukuliseko namandla asoloko esanda kune neendleko zokusebenzisa oomatshini kukhokelele ekwazini ukuba iyafuneka imigaqo eyiyenye yokuhlakula.

Okungenani ama30% ezikhondo ezizijungqu makahlale ngaphezulu emhlabeni kvithuba elide kangangoko kunokwenzeka. Okukuya kuthintela ukubumbeka kwesikhoko somhlabo, kukhuthaze ukutyuthya kwamanzi ngokunjalo kuncede nangokunqanda ukukhula kokhula ngokungalawulekiyo. Izikhondo ezizijungqu xa zinanzi zingenza umaleko osabusitroyi emigangathweni yemisele.



2

Kule foto kubonakala ifuthe lesixhobo esinamazinyo. Izixhobo ezineencam ezisabutshizili nezikali zamakhuba aziuwuqhekezanga kakuhle umhlabo kodwa esi sixhobo siza kuza neenguquko ezingxamisekileyo ukule wenzeke ngokuncomekayo umsebenzi.

linkqubo zemigaqo yokuhlakula azifanelekanga kangako kwiimeko zembalela ngakumbi, xa umhlabo ulahlekelwa phantse zizixa ezikhulu zokufuma ngethuba lokuhlakula, ezinokukhokelela kwisivuno esibi ukuba akufiki mvula elandelayo.

Imvula enkulu emva kokutyalu nayo ingabangela iingxaki, njengoko umphezulu ongenantsalela unokwenza isikhoko esomeleleyo kwiintlobo ezithile zomhlabo. Ngaphaya koko, imvula esisikhukula nomoya ziimeko ezi-nokukhokelela kumngcipheko omkhulu wokhukuliseko kwiqingqi ezithile.

Ukuhlakula akusoloko kukubi. Yeyona ndlela ifanelekileyo neyona incomayokutshabalalisa ukhula ukuba kwenziwa kakuhle. Ukuba ucinga ukuba kufuneka uhlakule, kwenze oko ngokukhangela eminye imigaqo.

Ukuhlakula ngokomgaqo wolondolozo

Injongo yokuphethula umhlabo ngolondolozo kukushiya ama30% okungenani weentsalela zesityalo ezigquma umphezulu womhlabo emva kokuhlakula, kuba ngaloo ndlela ukhukuliseko luyathinteleka ngokunjalo



3

nokungenelela obekusenzeka kuqala kwamanzi kwenqanaba eliphezulu kuthatha ithuba elide. Ukuhlakula ngekhuba elineencam ezsabutshizili kuholisa ukuphumelela ekufezeni ezi njongo, xa isixa sasekuqaleni sentsalela yesityalo besanele. Ukuhlakula okwaziwayo kokukrazula-phezu-kwemiqolo okwenziwayo, nako kungabonwa njengomgaqo wokuhlakula ngolondolozo njengoko inkoliso yentsalela ishiyeka emhlabeni ongaphezulu.

Nangona kunjalo, ikhuba elineencam ezsabutshizili, ukukrazula nezinye izenzo zokuphethula umhlabu ezinokusetyenzisa ziphamazima umhlabu ngokwaneleyo kangangokuba zithobe umgangatho wawo. Ukulahleka okukhulu kokufuma komhlabu nako kubalwa njengenxaleny yezi zenzo, nangona kungenakuba phezulu njengakwinkqubo yokuhlakula ngekhuba. Xa kuhlonyelwe iziqengqi kwikhuba elineencam ezsabutshizili, iyancipha ilahleko yofukuma.

Amakhuba aneencam ezsabutshizili asebenza kakuhle xa elondolozwa ngendlela eyiyo. Izipringi zifanele ukuligcina ikhuba elineencam ezsabutshizili emhlabeni ngokwe-engile echanekileyo ukuze likwazi ukugqobohela emhlabeni. Qinisekisa ukuba izikali zekhuba ezisetyenziselwa ikhuba elineencam ezsabutshizili zichanekile kwaye azidlekanga. Faka izikali zekhuba ezitsha kuseolithuba ukuze ukhusele ikhuba elineencam zetshizili kwaye oko kuya kuqinisekisa ubanzulu obaneleyo.

Imingxuma ebonisa ukwakheka komhlabu

Ukusetyenzisa kwemingxuma ebonisa ukwakheka komhlabu kubanika iinkukacha eziphangaleleyo abalimi. Ubanzulu ekusetyenzwa kubo obuyimfuneko buyafumaniseka. Ukusebenzela emhlabeni osidibi kuya kuba neendleko eziphezulu kumlimi, kodwa nako ukusebenza kumaleko onzulu kakhulu emhlabeni kukwaziidleko ezingeyomfuneko. Sebenzisa imingxuma ebonisa ukwakheka komhlabu ukhulola amandla okusebenza kwesixhobo.

UKHUKULISEKO

Ukhukuliseko olubangelwa ngamanzi nangumoya kuyingxaki phantse kuzo zonie iindawo ekulinywayo kuzo. Eyona ndlela ibalaseleyo yokulawula ukhukuliseko olwenziwa ngamanzi, kukwenza iikhonto emasimini. Ukuba amasimi aneekhonto, abalimi mabagcine imisele yamanzi neekhonto kulgile konke. Xa engenazikhonto amasimi, kubalulekile ukuwasebenza ngokulandela inkcazobume besiphaluka.

Oku kuthetha ukuba icala ekubekiswa ngakulo xa kusetyenzwa lifanele ukusoloko lilandela ikhonto yentsimi. Le ndlela yokusebenza ayizi kulunqanda ukhukuliseko kodwa iya kunceda kakhulu ekubeni umqolo ngamnye wesityalo ube ngathi ngumsele okhupha amanzi entsimini. Ungaze usebenze intsimi ngokuya ngasezantsi, kuba oko kuya kukhokelela kukhukuliseko nokungenelela okungephi kwamanzi.

Xa umhlabu uphethulwa ngokuthe kraty ngokunjalo kushenxiswa nezhkhondo ezizijungqu, kwanda amathuba okuba imvula ibangele isikhoko esomeleleyo kwiintlobo ezithile zemihlabu. Ukuba esi sikhoko asilawuleki, amanzi aya kuqengqeleta endaweni yokungenelela emhlabeni.

Kwimeko yokuba kungekho zikhondo ezizijungqu ezigqume umhlabu okanye apho kwenzeka khona isikhoko, kufanelekile ukhulakula (ngokwesikofolo) kungangenwa nzulu emva kokutyala. Ikhuba alizi kughekeza isikhoko kuhela, kodwa liya kugcina nokufuma komhlabu kwaye kulawule ukhula. Esi senzo masensiwe kamsinya kangangoko emva kokuna kwe-mvula kwaye kuhindwe qho emva kokuna kwemvula. ■

**PIETMAN BOTHA, UMCEBISI
OZIMELEYO KWEZOLIMO**



AMAZWI AVELA... uJohan Kriel



XA BENDIBHALA ELI NQAKU KWINYANGA KA-JUNI, BEKUCACILE KUM NGOKWEENGXE-LO ZEMIHLA NGEMIHLA ENDIZIFUMENE KWIQELA LE-PGP UKUBA IZIVUNO ZEEMBO-TYI ZESOYA, EZOOJONGILANGA KUNYE NEZOMBONA ZINGANENO NAKWIINGQIKELELO EBESIZITHENJISIWE KUBA ABALIMI ABANINZI BASENGXAKI-NI YEELAHLEKO NGENXA YEMBALELA NOBUSHUSHU OBUGQITHISILEYO EKUQALENI KWEXESHA LOKULIMA.

Nanga amanqaku ambalwa ofanele ukuwaggala phambi koku-ba ulungele ukutyla kwixesa lokulima elizayo. Ukuba imeko yakho ayamkelekanga kuwe, hlalutya ngokutsha ufumanise ukuba ingaba uza kuphinda ulime isityalo sokutshintsha na.

- Ingaba uzithathile iisampuli zomhlabu emasimini onenjongo yokulima kuwo? Ingaba uxoxile ngeziphumo nomcebisi wakho ngokunjalo nomthengisi othembekileyo wezichumiso zamalungiselelo? Kanene uyayazi imeko yomhlabu yepH, iphosporus (P) neyepotassium (K), nokuba ifanele ukuba njani? Ungaze ulime emhlabeni apho imeko yezondlo zomhlabu ingachanekanga khona.
- Ingaba ubuhlolile ubanzulu bomhlabu noluhlu lomhlabu lwentsimi yakho? Ngenxa yeemeko zemozulu engenazinzo, umngcipheko omkhulu kakhulu wokulima emasimini usesichengeni.
- Amalungiselelo entsimi aqhuba njani kwifama yakho? Uku-ba kungona uqalisa ngokuhlakula okusentloko, selikushiyile ixesha. Ngoku amasimi afanele ukuba selelungele ukufunxa konke ukufuma okunokufumaneka.
- Ingaba uyalazi ithuba elilelona lifanelekileyo lokulima malunga nesityalo ngasinye kwindawo yakho?
- Ingaba uncedo lwemali selulungiselelo? Zikhona iingxowamali ezikhoyo?
- Ingaba sezisisiwe iimveliso zamalungiselelo? Uqinisekile ukuba usebeniza iimveliso ezichanekileyo?
- Ingaba iitrektara zakho ngakumbi umatshini wokutyalu ziyini-kiwe inkonzo yoqwalaseloo kwaye sezelungele ukusebenza? Uwenze ixesha liselihle amalungiselelo nekhontraktha ukuba iitrektara noomatshini onabo abazenelanga iihektare one-sicwangciso sazo?

Ndibahlonela kakhulu abalimi bethu beenkozo. Nenza umsebenzi ongummangaliso kwiimeko eziyimingeni. Umthandazo wam kuku-ba anga amandla nofefe lukaYehova lungaba phezu kwenu.

— *uJohan Kriel ngumlawuli wophuhliso lwengingqi yeFree State eseNtshona.* ■

Dibana nabaphumeleleyo kumLim i wonyaka

NJONGO ENGUNDOOQO YOKHUTSHISWANO LWEPAHAMA GRAIN PHAKAMA (PGP) YOMLIMI WONYAKA ASIKOKUGQWESA, KODWA KUMALUNGA NOKUBHIYOZELA UKUFUNDA, UKUKHULA, UKUPHUHLA NOKUSEBENZA NZIMA KWAMAWAKA ABALIMI ABAYINXALENYE

YENKQUBO YOPHUHLISO LWABALIMI. EMVA KOKUBA ABAGWEBI BEQWALASELE AMASHISHINI ABATYUNJWA ABAHLUKENEYO OKUFAMA, BAKHETHE ABAPHUMELELEYO BALO NYAKA. NABA ABAGQWESE KUNYAKA WAMA2024.

UMLIMI OLIMELA UKUZIPHILISA (ihektare e0,5 ukuya kwezili3)

Lo ngunyaka wesibini **uGcinile Beauty Gumbi (53)** ephumelela kolu luhlu. Lo mlimi ukhutheleyo wefama iUpnazane kwisithili sasePaul Pietersburg, okoko wayekuthanda ukusebenza ngomhlaba. Waqalisa ukulima imifuno esakhulisa abantwana bakhe ukuze usapho lwakhe lube nokutya.



Kwixesa langoku ulima iintlobo ezahlukileyo zemifuno, umbona kunye neembotyi ezomileyo. UKususa ngoko wangena kwiGrain SA ngowama2013, seleye kwizifundo ezi-hlanu zoqeqesho nakwiiseshoni ezingama69 zofundonzulu. Usebenza nzima ukuze aphumeze iphupha lakhe lokufumana omnye umhlaba olimekayo ukuze alime umbona nemifuno kwiihekta re eziechtha.

Nangona **uMhlangenqaba Mkizwana (77)** waseMaclear eMpuma Koloni engoyena mdala kwabaphumeleleyo kuhutshiswano Iwama2024, usenephupha lokuba ngumlimi orhwebayo. Ukuzinikela kwakhe kulimo ukuthathe kubazali bakhe, ababengabalimi bentsebenziswano. Ukuphuma kwesikolo ebeshiya ikhaya aye kuzingela impangelo waze waqalisa ukusebenzela amaqumrhu ahlukeneyo emigodini eGauteng.

Ngowe1989 wabuyela ekhaya ukuze alandele ipupha lakhe lokuba ngumlimi wexesha elipheleleyo, kwaye zange ajonge emva. Ulwazi lwakhe lolimo Iwande ukususela oko ebeyinxaleny yeNkqubo yoPhuhliso IwabaLimi. Ungusihlalo weQela loFundonzulu iGamakhulu.



UMfaniseni Paulus Khumalo (66) ukhumbula esebeenza emasimini nabazali bakhe nabantwana bakowabo. Emva kokuba litshonile iqumrhu ebesebenza kulo, wenza isiggibo sokuqalisa ngokufama. Phambi kokungenela iNkqubo yoPhuhliso IwabaLimi, wayefumana iingxowa zombona ezhishumi ukuya kwezilishumi elinesibini.

Ukufumanisa iGrain SA ngowama2019 k watshintsha izinto, nje ngoko wakwazi ukwandisa isivuno sakhe saba ngaphezulu kwiitoni ezi4 ngehektare. Kwiminyaka embini elandelayo wafumana iitoni ezi6 ngehektare kanti kwixesa lokulima lokugqibela ufikelele kwiitoni ezi7 ngehektare. Ulilungu leQela loFundonzulu iLijahasisu kwaye uyakonwabela ukucebisa abalimi abasahlumayo kwindawo yakhe.

UMLIMI ORHWEBA KANCINANE (ihektare ezili4 ukuya kwezingama49)



UMandla Enos Nkosi (52) upuhle uthando olushushu lwakhe lomsebenzi wokufama eselula, ngethuba ebesebenza kwifama akhulele kuyo. Yakuba ithengisiwe ifama, usebenze nzima ekuhulisa ubutyebi bakhe ukuze aphumeze iphupha lakhe lokuba ngumlimi.

Wafumana iKhontrakthi yothutho ngowama2014 eyamnceda ukuba abe namandla ngokwasemalini ukuze akwazi ukulima ngaphezu kwehektare ezi6 awaqala ngokuzilima. UMandla wangenela iNkqubo yoPhuhliso IwabaLimi ngowama2021. Ukuya kwiQela loFundonzulu, ukufumana iingcebiso nezfundo zoqeqesho kumcende ngokumphuhlisa njengomlimi, nangona iminyaka yokuqala efama iyiyo emlungise ukuze abe ngumlimi namhla.

Jim Besabakhe Masemola (58) upuhle umda wakhe kulimo eselula. Zange ayiggibe imfundu yakhe yasesikolweni ngenxa yeemeko ebeziyimengeni kuye waze waqalisa ukusebenza efama ngowe1980. Kwiminyaka elandelayo waqala ukuziqesha ngokwenza umsebenzi wokufama.

Wayekholisa ukufumana iingxowa ezintlanu ukuya kwezintandathu zombona ngehektare, kodwa emva kokuba yinxaleny yeNkqubo yoPhuhliso IwabaLimi ngowama2019, waqala wafama ngokuzimela, elandela imigaqo echanekileyo yokwenza imveliso. Ngexesa lokulima lama 2019/2020, wavuna iitoni ezi4 zombona ngehektare. Kwixesa elidlulileyo lokulima sinyuke safikelela kwiitoni ezi6 ngehektare kanti kweli xesha lokulima unethemba lokufumana iitoni ezi7 okungenani ngehektare.





UBuyisiwe Steven Dlamini (55) kwiminyaka emihlanu wayengumsebenzi wasefama phambi kokushiya indawo yase-maphandleni efudukela kubomi besikeko saseGoli. Uthe esasebenza njengomqhubi othutha impahla, wagcina imali yokuzithengela eyakhe ilori ukuze aqalise ngeshishini lakhe lokuthutha impahla. Eli phupha lazaliseka kuba nangoku usathutha impahla njengeshishini elilelinye lakhe.

Ungenele iNkqubo yoPhuhliso IwabaLimi ngowama2018 kwaye uzhixobisa ngolwazi ngokuya kwiiseshoni zamaQela oFundonzulu nezfundo zoqequesho. Ngowama2021 unike unyna wakhe ishishini loomatshini abalahliweyo (isikrephuyadi) ukze anike ingqalelo enzulu kwiphupha lakhe lokuba ngumlimi. Ngoku wenza umsebenzi wokufama emhlabeni odityane-lweyo kwisiphaluka saseVolksrust.

UMLIMI ONESAKHONO SE-NEW ERA (ihektare ezingama50 ukuya kwezingama249)

Nangona **uDieketseng Gladys Mahlelelele (38)** enimfundo yesidanga kwezoNxibelevlano (BA Communication degree), ebosoloko ephupha ngokuba ngumlimi. Ufundu izakhono ezixabiseke kulimo xa wayesebenza noyise, umfuyi omkhulu weenkomo, ngeempelaveki nangeeholideyi zesikolo. UDieketseng uqale ukuya entlanganisweni yeqela lofundonzulu ngowama2015.

Wafaka isicelo sokuqesha ifama iVrede kwisiphaluka saseBrandfort ngowama2019. Ikwayiyo loo fama yayiqeshwe ngutata wakhe kwiminyaka edlulileyo. Kwithuba langoku utyala oojongilanga emhlabeni onesakhono-esingafezekanga sezityalo zokutshintsha, kodwa ufuna ukuqesha umhlaba wesakhono esinamandla ukuze akhulise icala lakhe leshishini lezityalo. Ukwafuna nokuba ngumlimi oyinkokeli engumntu obhinqileyo ukuze akhuthaze amantombazana aselula ukuba enze umsebenzi wokufama.



UZoliwe Nombewu (46) ube nomdla kulimo ngelixha encedisa abazali bakhe ekulimeni ngeeholide zesikolo zangoDisemba. Liqale ngoko iphupha lakhe lokufama ngokulima imifuno nelokuthengisa intshiyekela yayo eluntwini. Akuba engenele umbutho wabalimi kwindawo ahlala kuyo, ufumanise ukuba akhona amandla oshishino kwimveliso yeenkozo.

Ngoku ulima umbona otyheli nomhlophe, iimbotsy zesoya kunye namakhaphetshu emhlabeni odityanelweyo kwindingqi yakuTsolo eMpuma Koloni. Ungusihlalo weQela IoFundonzulu iSophume-lela. Lo ngunyaka wesibini ngokulandeleta uZoliwe ekhethwe njengophumeleleyo kolu luhlu lokhutshiswano.



Akuba **uAlfred Gondo (33)** eqalise njengomsebenzi kwimpahla yorhwebo, kwantumekeda umdlawakhe kulimo. Waqala ukulima ngexesha lokulima lama2015/2016, ekhuthazwa luthando olushushu lokufama lukayise ongasekhoyo. Wafumana indyebo yolwazi nezakhono zobuchule bolimo emva kokungenela iNkqubo yoPhuhliso IwabaLimi.

Kunyaka wakhe wokuqala njengomlimi, uAlfred watyla iihektare ezingama20, kodwa kweli xesha lokulima utyale ngaphezu kweehektare ezili100 – iihektare ezingama62 zeembotyi zesoya neehektare ezingama42 zombona omhlophe – eKoornfontein kwindingqi yaseMiddelburg. Unephupha lokwandisa iihektare zakhe ukufikelela kwiihktare ezingama500 kwithuba lemnyaka emithathu aze athenge nabanye oomatshini bukfama ukuze umsebenzi uncomeke kweande kangangoko.

UMLIMI ORHWEBAYO WE-NEW ERA (ngaphezu kweetoni ezingama250)



ULuvuyo Mbuto (61) uqale ukufama ngowama2016 kanti ngoku unemisebenzi yokufama exubeneyo kwiFama iAltona, kwisiphaluka saseSwartberg KwaZulu-Natal, aphi kulinywa umbona khona. Ebosoloko elilungu leNkqubo yoPhuhliso IwabaLimi ukususela ngowama2020 kanti ukwalilungu leQela IoFundonzulu iOngeluks Nek.

Lo ngunyaka wesibini ngokulandeleta kwayo uLuvuyo engophumeleleyo kolu luhlu. Uthi elakhe “igazi liluhlaza”, njengoko ephupha kuphela ngezityalo nangesondlo. Ixesa lakhe lokulima aliqali ngokutyala, kodwa xa evuna aze athengise umbona wakhe, uqalisa ngokuhlanganisela isicwangciso sakhe seshishini elilandayo.

UPetrus Ranko Tsotetsi (58) waqalisa ngokufama ngowama2010 emva kokusweleka kukayise, uJoseph, ngowama2009. Washiya ubomi base-dolophini ngokunjalo washiya nengeniso enozinzo emva esiya kuqhuma umsebenzi obulibhongo kuyise ongasekhoyo waze waqala ukufama kwexesha elipheleleyo eDie Bult, kufuphi eKestell eFree State. Uphumelele izifundo zolimo ngowama2013 nangowama2014 ukuze azuze ulwazi oluthekratty ngomsebenzi wokufama.

UPetrus ulima umbona, iimbotsy zesoya neembotyi ezingoonokhwahla kwinkqubo yojikeleziso lwezityalo. Waba lilungu leGrain SA ngowama2013 waze wabhalisa kwiNkqubo yoPhuhliso IwabaLimi ngowama2016. Ebengumtyunjwa kulo olu luhlu ngowama2023 kwaye uchwayitile kuba engophumeleleyo kulo nyaka.



UBheki Isaac Mabuza (51) ulima umbona kwifama yakhe, iDonkerhoek, kwindingqi yaseAmersfoort eMpumalanga. Ungene kwiGrain SA ngowama2016, kwaye seleyile kwizifundo zoqequesho nakwiiseshoni ezingama65 zeqela lofundonzulu, aphi kupuhliswe khona izakhono zakhe zokufama. Ukhethwe njengomlimi woNyaka onesa-

Khono soRhwebo waseGrain SA wama2022 Ukususela ngoko ukhulise ishishini lakhe lokufama kwaye ngoku ukuluhlu Iwe-New Era.

Enye yeempumezo zakhe ezizezona zinkulu yaba kukuba ekugqibeleni wabamba indawo yesithathu (phakathi kwabalimi abarhwebayo) kuluhlu Iwemveliso yombona kwindingqi yeHighveld eseMpuma kuKhutshiswano IwesiVuno seSizwe Iwama2021 IwaseGrain SA lokulimela iNqanaba leMfezeko kwiNdyebo. ■

YENZA UPHANDO LWAKHO PHAMBI KOKUTHENGA IMBEWU

PHAKATHI KWAZO ZONKE IINDLEKO EZIFUNYANWA NGUMLIMI, EZEMBEWU ZIKHOLISA UKUNGAQA-PHELEKI KUHLAHLOMALI LOKUVELISA IMVELISO, NGOKUXHOMEKEKA KUMANANI EZITYALO, KANTI IINDLEKO ZEMBEWU ZINGASUSELA KWI10% UKUYA KWI17% YEENDLEKO ZIPHELELE ZEEMVELISO ZA-MALUNGISELELO NGOKUNJALO, KWIIMEKO EZITHILE ZINGABA NGAPHEZU KWEENDLEKO ZAMAFUTHA OKUBASELA.

Eli nqaku lingena nzulu kumba weendleko zembewu ezicingeleke kwanaphambili zexesha lokulima lama2024/2025, ngokunjalo nokunika icebiso malunga nokuthenga imbewu kunye neentlobo zonyango lwembewu.

IXABISO LEMBEWU

Ngexesha lokulima lama2024/2025, amaxabiso ombona edibene aye anyuka ngomyinge we6,1%, obonisa ukunyuka okuphantse kwasisiqingatha sokunyuka kwe13,9% okubonakale kwixesha lokulima lama2023/2024.

Xa kuhlalutwy, ixabiso elingumyinge **lombona omhlophe** elinyuke nge6,84%, ngelixa **umbona otyheli** unyuqe ngesi7,45%. Ngaphaya koko, kuqapheleka ukuba ixabiso lombona omhlophe linyuke malunga nge0,54% kunexabiso lombona otyheli.

Amaxabiso **kaJongilanga** afumene ukunyuka okungephi kwe3,7%, xa kuthelekisa nokunyuka okubukhali kwe15,7% okufunyenwe kwixesha lokulima elidlulileyo. **limbotyi zesoya**, kwelinje icala, zibe nokwehla kwamaxabiso nge3,8%, xa kuthelekisa nokunyuka kwe15,2% okuxelwe kwixesha lokulima elidlulileyo. **Amazimba** afumene amaxabiso anyuke kangangesi7,6% kwixesha lokulima lama2024/2025, ehle ukususela kumaxabiso ebenyuke nge16,6% kwixesha lokulima lama2023/2024.

Linkcukacha ezikhankanywe ngasentla ziyabonakala nangamehlo **kwiSazobe 1**.


Malunga namanqanaba okunyuka kwamaxabiso, ngoJanyuwari wama2024, ebemi kwi5,3%, amaxabiso kajongilanga anyuke nganeno kwinqanaba lokunyuka kwamaxabiso, logama amaxabiso ombona omhlophe ebengaphezulu nge0,8% kanti amaxabiso amazimba anyuke nge2,3%.

IZIKHOKELO XA UTHENGA IMBEWU

- Khumbula ukuba amaxabiso ayahlukahluka ngokuxhomekeka kubukhulu bengxowa yembewu. Imbewu yombona ifumaneka ngeengxowa zobukhulu obungange18 kg, ama20 kg nama25 kg, ngokunjalo nangeengxowa eziqulethe imbewu yama60 000 okanye ama80 000 inye. Imbewu kajongilanga ifika ibekelelwe ezingxoweni eziqulethe imbewu engama150 000 okanye ama180 000, ngelixa imbewu yembotyi zesoya ifumaneka kwiingxowa eziqulethe ama60 000 okanye ama140 000, okanye ezama 25 kg.
- Imiquelu ethile yembewu ilungiswa ngeekhemikhali, kuze oko kube nefuthe kumaxabiso.
- Amaqumrhu ahlukeneyo anikela ngembuyekezo ngokomthamo weentengo, isiqinisekiso seodolo, ukusiwa kwempahla kwangoko kunye nentlawulo yangoko.
- Phambi kokuthenga, gqala ngokuqaphela iimpawu zeemeko zomhlaba, ukuziqhelanisa, imeko yesivuno kunye nozinzo, udidi Iwezinxulumani, ngokunjalo nezifo nokunyamezelza kwezibulalizityalo zomhlanganisela othile.

1

Ukunyuka kwamaxabiso.



Umthombo weenkukacha: yiGrain SA

- Xa usenza iintengo, qinisekisa ukuba udidi lwembewu luzihlangabeza zonke iimfuneko, kuquka nezo zikwileyibeli, ngakumbi malunga nokufana kobukhulu nemilo yeenkozo.
- Nceda zidibanise nengcali yakho yequmrhu nembewu ukuze ufmane owona mhlanganisela ofanele izidingo zakho nezfama.

Ukunyangwa kwembewu

Amaqumrhu embewu awanako ukuqinisekisa umgangatho wembewu, ngaphandle kokuba kwensiwa unyango lwembewu liqumrhu lembewu elo ngokwalo okanye ngumthemgisi obhalisiwego weekhemikhali ese-benzisa oomatshini neenkqubo eziqinisekiswe ngokwe-ISO.

Ukuba unyango luqutywa ngumthengisi wekhemikhali, ufanele ukuqinisekisa ukuba unyango alukudodobalalisi ukuntshula kwembewu. Ngaphaya koko, ikhemikhali esetyenziswayo mayibaliswe phantsi kwalo Mthetho oMiselwego *Act 36 of 1947* ngokunjalo kucetyiswa ukuba inconye liqumrhu lembewu ngokubhekiselele kumhlanganisela othile. Unyango IweRhizobium alubandakanya. Abalimi bacetyiswa ukuba bazidibanise namaqumrhu embewu malunga neyona Rhizobium inamandla ngokubhekiselele kwimihlanganisela yabo.

Kucetyiswa ukuba abalimi abakhetha ukuthenga imbewu engekyangwa kuba befuna ukuyinyanga mva, basebenzisane mhlawumbi nequmrhu lembewu okanye nomthengisi weekhemikhali eziqinisekiswe ngokwe-ISO.

ISIPHELO

Imbewu ayiphelelanga kwi10% ukuya kwi17% yeendleko zakho zeemveliso zamalungiselelo, ngokuxhomekeka kumhlanganisela namanani ezityalo, kodwa inefuthe elikhulu kwimbonakalo yesityalo nakwisivuno saso. Kungako, kunyanzelekile ukwenza uphando ngo-coselelo nokufuna icebiso ebantwini abanolwazi xa umtu ekhetha kwaye ethenga imbewu. Oku kuqinisekisa ukuba ufumana umhlanganisela ongowona ufanelkileyo, ongalungiselelwanga kuphela iimfuneko zakho kodwa ophinda uyifanele ifama yakho neemeko zobume obuyinqongileyo.



JOHAN TEESSEN, UMQEQESHWA
KUBUNGCALI BEZOQOQOSH,
EGRAIN SA

Icandelo 2



Tyala imali ngokuchitha ixesha KWISICWANGCISO SESHISHINI

SICWANGCISO SESHISHINI SIBALULEKE EKUFUMANENI UNCEDO LWEMALI OKANYE KUTYALOMALI. KUFANELE SICACE KWAYE SIQONDEKE EBANTWINI ABA-NGENALWAZI LUBANZI NGOMSEBENZI WOKUFAMA.

Ukubhala isicwangciso seshishini lefama yakho kuquka amanyathelo alicela ukuqinisekisa ukuba siyahilangabeza iimfuneko zabo baza kusiphengulula, abafana namaziko oncedo lwemali okanye abatyalimali.

Abo bantu owabelana nabo ngenxaxheba kaninzi banezidingo ezingqalileyo kwaye bangagqalisela kwimiba eyahlukileyo yefama yakho, ngoko ke kubalulekile ukubabuza ukuba bafuna ntoni phambi kokuba uqalise ukubhala. Oku kunceda ngokuthintela ukuxhamleka xa isicwangciso singahambelani nemiqathango yabo.

Isicwangciso seshishini 'esibhankekayo' siyancomeka, kumele siqulathe iinkcukacha ezichanekileyo ngokobugcisa kunye nangezemali, sichaze imiba esentloko kubalawuli beemali zamaqumrhu kwaye sibonise ukuba ifama ingaqhutywa ngempumelelo.

Xa uhlanganisela isicwangciso sakho seshishini, gqala injongo ekujoliswe kuyo ekuggibeleni, ngubani oza kusisebeniza nethuba esiza kuba siluxwebhu oluphilayo ngalo. Oku kunceda ngo-kuchaza indima yaso.

INKQUBOSIKHOKELO

Nantsi inkqubosikhokelo yesicwangciso seshishini lefama:

- Iqweqwe:** Liqua isihloko, igama leshishini, iinkcukacha zoqhagamshelwano nomhla.
- Iziqulatho:** Zidwelisa amacandelo, iigrafu, izazobe nezihlomelo.
- Isishwankathelo semiba ebalulekileyo:** Sina-manqaku asentloko nenjongo yesicwangciso.
- Ingcaciso ngeshishini:** Iquka injongo, intusa, imbali nemeko yangoku yefama.
- Isicwangcisocebo sethuba elide:** Sishwan-kathela umbono, umnqophiso, imigqaliselo, uhlalutyo lobubanzi bentengiso kunye nohlalutyo lweSWOT (imiba yaMandla, ubuThatha-ka, amaThuba neZoyikiso).

- Isicwangciso sokusebenza nemveliso:** Sineenkukacha zobunini, ukwandlaleka kwe-fama, iinkqubo zokwenza imveliso, oomashini kunye nezicwangciso zamaxesha.
- Isicwangciso sentengiso:** Sichaza imveliso, ukubekwa kwamaxabiso, amaxa okuphucula intengo, ingqesho, iinkqubo, abantu, amathuba okugqwesa kukhutshiswano, iikhontrakti kunye nemingcipheko ephathelele kwintengiso.
- Isicwangciso solungiselelo nesabasebenzi:** Dwelisa iqela labaphathi, izidingo zabasebenzi, iingcacio zemisebenzi kunye neeCV zabaphathi abakwimigangatho ephezulu.
- Isicwangciso semali:** Sinika iingcaciso zemali, ukusetyenziswa kwemali ekujoliswe kuko kunye nohlahlomali lweshishini.
- Isicwangciso semingcipheko:** Sichonga imingcipheko, ifuthe layo kwaye siquka uhlalutyo lobuntununtunu malunga nayo.
- Ukupumeza nokubek' iliso:** Kupuhliisa isicwangciso samanyathelo nomnxeba wamaxesha.
- Izalathiso:** Uludwe lwemithombo yeenkukacha esetyenzisiweyo.
- Izihlomelo:** Ziquka amaxwebhu axhasayo afana neelD, amaphepha obhaliso, awohlah-lutyo, izivumelwano kunye neengxelo zemali ezinobucukubhede.

Isicwangciso seshishini lakho simele wena kubalawuli bemali yamaqumrhu onokubafuma-na, abakhola ukwenza iziqqibo zenkxasomali ngokukholkelwa ziiinkcukacha ezikwisicwangciso ekuphela kwaso. Ngoko ke, ukutyalala imali ngokuchitha ixesha namalinge okuyila isicwangciso esicoselelwego, sobungcali kubalulekile. Uku-ba akukwazi ukuzenzela, qesha umuntu akuncede.

Inqaku elilandelayo liza kubonisa indlela yokunkela isicwangciso seshishini kubalawuli bemali onokubafumana okanye abo wabelana nabo ngenxaxheba. ■

YOLANDI KRUGER, UMCEBISI
WEZOLIMO EDUNAMUS



Iqela labahleli

PHAHAMA GRAIN PHAKAMA: PRETORIA
PO Box 74087
Lynnwood Ridge
0040
■ 086 004 7246
■ www.grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI
Liana Stroebel
■ 084 264 1422 ■ lofisi: 012 943 8285
liana@grainsa.co.za

UMAHLULELANE KUPAPASHO
INFOWORKS MEDIA PUBLISHING
Umhleli ongumncedisi - Louise Kunz
■ louise@infoworks.biz

Inkokeli yeqela lomsebenzi - Johan Smit
■ 082 553 7806 ■ lofisi: 018 468 2716
■ johan@infoworks.biz

**Abapapashi - Elizma Myburgh,
Marisa van Heerden**



INkqubo yePGP yoPhuhliso IwabaLimi

ABAQUQUELELI BOPHUHLISO

Jacques Roux
IFree State eseNtshona (Bethlehem)
■ 082 377 9529 ■ jacques.rouxjr11@gmail.com

Johan Kriel
IFree State eseMpuma (Bloemfontein)
■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

Mpumalanga (Mbombela)
Smangaliso Zimbili (Umncedisi: Mbombela)
■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ nelspruit@grainsa.co.za

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
Lanalie Swanepoel (Umncedisi waseOfisini)
■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ vryheid@grainsa.co.za

Graeme Engelbrecht
KwaZulu-Natal (Dundee)
■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Phumzile Ngcobo (Umncedisi waseOfisini: Dundee)
■ 060 477 7940 ■ phumzile@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

MJ Swart
ENtshona-Koloni (Paarl)
■ 072 090 7997 ■ mj@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8285 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen
North West (Lichtenburg)
■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlanyane

Eric Wiggill
Eastern Cape (Kokstad, Mthatha and Maclear)
■ Luthando Diko (Umncedisi waseOfisini: Kokstad)
■ Cwayita Mpotyi (Umncedisi waseOfisini: Mthatha)
■ Lindie Pretorius (Umncedisi waseOfisini: Maclear)
■ 082 620 0058 ■ eric@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8277

**IPULA IMVULA IFUMANEKA
NGEELWIMI EZILANDELAYO:**
isiXhosa/isiZulu, isiNgesi, iSeTswana/iSesotho.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of PGP.

THIS PUBLICATION IS MADE POSSIBLE
BY THE CONTRIBUTION OF THE MAIZE TRUST

Inkgubo egugula ubomi babantu



PGP
PHAHAMA GRAIN PHAKAMA

Farmer
Development
Programme

Ingxelo

Amaqela ofundonzulu anikela ngethuba lokufunda

KWIINTLANGANISO zamaqela ofundonzulu, abalimi bafikelela kwii-nkukacha nakwicebiso lobungcaphephe. Amaqela ofundonzulu asa umfuzisel o wamanyathelo ophuhliso lwabalimi kwiinginqi ezsientloko ezilima iinkozo. Le yindlela iqela leFDP liphumelela ngayo ukuba libazi abalimi kwaye abalimi bafunda ukulithemba iqela. Phakathi komhla we9 kuMeyi nowe11 kuJuni iqela lePGP liphumeze amathuba otyelelo lwamaqela ofundonzulu angama39. Nantsi eminye imiba esinokuyikhanya.



Intlanganiso yeqela lofundonzulu (SG) iEmmaus ijolise ekuhlaziyweni kobulungu. Kufumanek Ingxelo enika ithembu malunga nale ndibano.



Imigaqo yokuhluba nayo kuxoxiwe ngayo kwiqela lofundonzulu (SG) iNewcastle-Doornkop, aphi umlimi omnye ebonisa indlela elula nenco-mekayo yokuhluba ngesandla.



Kukholisa ukunceda ukuquka iseshoni yokubamba umsebenzi ngezandla ngethuba lentlanganiso yeqela lofundonzulu (SG). Kwishesoni yeqela lofundonzulu iNewcastle-Doornkop, iqela liqwalasele imiqondiso ebonisa ukuba ingaba isi-tyalo sikulungele na ukuvunwe.



Kwintlanganiso yeQela loFundonzulu i-Sandlwana, kuxoxwe ngokufutshane ngeprojekthi yaNgaphaya kweNdyeo nenkqubo yokubekwa kwamaxabiso kwinkqubo yentlanganiso.

ABAFUNDI (NOOTITSHALA) bafunda banzi ngolimo

KUBALULEKILE ukuba ulutsha lufunde ngexabiso lolimo njengomthombo wokutya nesintlakantlakiso, ngokunjalo nowamathuba ahlukaneyo emisebenzi yoqequeso kulimo. INkqubo yeziKolo yeGrain SA iyasibona isakhono solutsha sefuthe esibalulekileyo kwicandelo lolimo.

Kwithuba eliphakathi komhla we9 Meyi nowe11 kuJuni, uPhumza Mtukushe utyelele izikolo ezingama34 waqinise-kisa ukuba izikolo ezili15 eMpuma Koloni zifunda banzi ngolimo, uMarietjie Purchase obetyelele izikolo ezisixhenxe eFree State noKhoza Ntokoza oye kwizikolo ezilishumi eli-nesibini kwinginqi yaseDundee ukuze abelane nabafundi ngeenkukacha ezinzulu.

Ingxelo evela kootitshala nakubafundi ibinika ithembu kakhulu.

- Utitshala wesiKolo samabanga aphantsi iGecelo uth abasebenzi ngokunjalo nabafundi bazuze iinkukacha ezi-banzi. Ubuze ukuba ingaba uKhoza angakwazi na ukwenza iseshoni yokulandela umsebenzi wokubamba ngezandla, njengoko befuna ukufunda indlela yokutyalu nokukhulisa imifuno ngenxa yamaxabiso okuya anyuka kangaka.
- Abafundi besinye sezikolo eFree State bathe ingcaci-so ibavule amehlo kuba ngoku bayazi ukuba iimveliso zensiwa njani.
- Ngokomfundu wenginqi yaseDundee bafunde lukhulu. ‘Kunini esikufunde ngomsebenzi wokufama – izinto ezifana nemeko yomhlaba. Siphinde safunda kwakhona ukuba iNtshona Koloni yenza iwayini ngokusebenzia iidiliy.’
- Ootitshala besiKolo samaBanga aPhantsi iZweledinga baphawule ngokuthi abafundi ngoku sebesazi ukuba umsebenzi wokufama ubaluleke kakhulu, njengoko beya kugcina imali xa bezilimela ukutya kwabo.
- Le nkqubo ibonise abafundi ihlabathi lenene kunye nokubaluleka kokwenza iziqgibo umntu enolwazi ese-mtsha, litshilo ilungu labasebenzi besiKolo samaBanga aPhantsi iEmzweni.



Esinye sezikolo zimabalabala esityelelwego eFree State ibisiKolo samaBanga aPhantsi iDiphakweng.